# UNIVERSITY OF FORT HARE

# XHS122F

DEGREE SUPPLEMENTARY EXAMINATIONS
January 2019

...................................................................

Time: 3 Hours

Subject; IsiXhosa (Foundation Phase)

Paper: IsiXhosa Literature

Marks : 100

This paper consists of 2 pages including the cover.


Internal Examiners
Ms. D J Ganto
Dr S S Mdaka


## Instructions

Phendula imibuzo ibe Mine.
Phendula ibe Mibini kwicandelo ngalinye.

XHS122F IsiXhosa Literature
Degree Supplementary Examinations -January 2019

**ICANDELO A**

**Umbuzo 1**

**1.1 Ubulumko Bezinja: R Siyongwana**

Khwahlaza ukhukhuze esi sicatshulwa silandelayo uqaqambise ubugcisa bukaSiyongwana ekwambhathiseni amalwela nkululeko ngobuciko bobucaluza bokukwazi ukucweya umcimbi ontunu-ntunu.

*[25]*

Ziqhubene ezi njana zimbini uMthendevu noTawuse zaya enkosini yazo Zifike kuloo ndlu yayihleli kuyo ibase umlilo yothile. Zona zithe zalala ngesisu ezantsi kweziko.

Tawuse : Kwashushu apha [wachaza uTawuse, phofu ephoxa. Mbangi yokuba aphoxe kukuba bona babesoloko belala phandle nokuba kuyabanda].
Kholisile : Yintoni izinja endlwini?
Tawuse : Kukho into esingathanda ukukhe siyive, nkosi.
Kholisile : Yinto eluhlobo luni leyo?
Tawuse : Sifuna ukukhe sazi ukuba kutheni na singenasabelo sisiso nje apha ekhaya?
Kholisile : Isabelo esisiso sesinjani ?
Tawuse : Nditsho ukunikwa ukutya okulungileyo, nkosi.
Kholisile : Okulungileyo kokunjani?
Tawuse : Kuthi kwakuxhelwa igusha, mhlawumbi inkomo sifumane amathambo inyama singayiphiwa. Kanti naxa kuphekwe ukutya sinikwa izikhoko.
Kholisile : Oko kukuthi ke, Tawuse , nifuna oku kutyiwa ngabantu?
Tawuse : Kanye ke nkosi. [wavuma ngokukhawuleza]
Kholisile : Wawuzibona phi izinja zisitya ukutya kwabantu?
Tawuse : Asizange sizibone kodwa sinayo ingqondo ethi zifanelwe kukukufumana.
Kholisile : Njengokuba unyoko ade abe ngaka nje engazange akhalazele kutya niqonde ntoni nina nizalwa izolo oku nje?
Tawuse : Siyaphawula ukuba zizinja ezisebenza nzima. Umzi

Ugcinwa sithi ebusuku.
Kholisile : Senikwazi kona ukukhonkotha phofu?
Tawuse : Sazalwa sikhonkotha nje, ubuza ntoni, nkosi yam?
Kholisile : Heke-e! Utyaphile utsho. Oku kukuthi nithi xa ezinkulu zikhonkotha umntu okanye inkomo suke nina nikhonkothe zona, nibangwa yini, kanti nazalwa nikhonkotha nje?
Tawuse : Sukube sintyontyela xa sisenjenjalo.
Kholisile : Ubisi olu niluxhaphayo ananeli lulo?
Tawuse : Ubisi lufana namanzi alunantswane.
Kholisile : Indixakile le nto yenu kuba uSibi yena uthule.
Tawuse : Mhlawumbi wenziwa kukungaqondi intlalo le. Thina ayisikholisi konke intlalo.
Kholisile : Mandenjenje kuni; andinakho ukunika izinja ukutya okutyiwa ngabantu. Andizange ndigezelwe zizinja mna njengokuba ndenzile nje. Phumani niye phandle.
Tawuse : Kubanda nje, singenayo nandlu siya kulala phi?
Kholisile : O! Nifuna ukutya nokulala nabantu ezindlwini?
Tawuse : Ewe nje!
Kholisile : Ningatsho nje ukuba anisezozinja seningabantu, kutheni?
Tawuse : Ewe khona sizizo, kodwa imbandezelo iyavakala nakuzo.
Kholisile : Inja phandle![Uzingxothile uKholisile esonda ngazo. Zaphuma zibaleka] (18-19).

**1.1 Ubulumko Bezinja R Siyongwana**

"Kukuqaqadeka kwengqondo zongqondo-gqwirha okubangela ukuba abakhonkxiweyo bade babhenele ekusebenziseni udlame kumzabalazo wenkululeko".

Simelela ngale ngcamango udandalazise indlela okaSiyongwana aqula agoqe ethethelela ukusetyenziswa kodlame kwidabi lenkululeko.

*[25]*

**Umbuzo 2**

**Ukuqhwuka Kwembeleko D M Jongilanga**

Benga uxhom' exhantini indlela uJongilanga adandalazisa ngayo inzwinini yenzima abathubeleza kuyo abantu basetyhini endulo uze uqaqambise kwanendlela azoba ngayo amazwembezwembe omzabalazo wabo bezungula inkululeko.

*[25]*

## ICANDELO B

**Umbuzo 3**

**Ndiyekeni : DM Jongilanga**

Incwadi kaJongilanga isingathe enye ingxaki yezentlalo- ubundlamanzi kwititshala ngamaxesha esikolo, kanti nokunyotywa kwamalungu eekomiti zesikolo ndawonye neengxaki ezilawulwa kukufuduka kwabantu ezilalini baye kwimimandla yeedolophu.

Cacisa ngokupheleleyo oku kungentla ugqwathule kangako encwadini

*[25]*

**Umbuzo 4**

**Umdlanga: P T Mtuze**

Indoda kwaXhosa ayibhalwanga magxeni okanye ebunzi ukuba iyindoda, koko ibonwa ngezenzo isimo ukutsho.

Ngqiyama ngale ntetho kabaw' uMpinda uphuhlise le nto kuthiwa yindoda yokwenene kwaXhosa

*[25]*

**Umbuzo 5**

**Inzonzobila: BB Mkonto**

Xoxa banzi ngempixano kule ncwadi ngokuthi uqwalasele amacala nokuba mabini ilelo lijonge ukuphumeza iinjongo zalo ekunzima ukuphumelela kwazo ngenxa yokruthakruthwano.

Kuwo onke loo mabakala into ephambili lungqquzulwano oluthi ludalwe okanye ludaleke ngenxa yabalinganiswa okanye umlinganiswa ophambili.

***[25]***